ISAZISO ESIJOLISWE KU WONKE-WONKE

Ukuhlolwa kwendawo yobumnini enokuhlawulelwa irhafu jikelele

ISAZISO siyakhutshwa ngoko Mthetho woku Lawulwa ko Rhulumente weze Khaya: uMthetho we Rhafu kwii Ndawo zo Bumnini zakwa Masipala, uMthetho 6 ka 2004, iCandelo 30, ukuba uMasipala uye waqesha umhloli wakwa Masipala ukuze ahlole iindawo zobumnini jikelele ezikule ngingqi igunyaziswa ngu Masipala. Olu hlolo jikelele kufuneka lubonakalise ixabiso lwe malike lwango woku 1 Julayi 2020 nanjengoko kubhaliwe kwi Candelo 31 lalo Mthetho. Olu hlolo jikelele luzakuqaliswa ngowoku 1 Julayi 2021.

Ngokwe Candelo 41 lalo Mthetho, lo mhloli wakwa masipala, isekela lakhe, umqokeleli-zinkcukacha okanye naye nawuphi na umntu ogunyaziswe ngumhloli wakwa masipala, anga-

(a) ngena kuyo nayiphi na indawo yobumnini yakwa masipala nge 07:30 ukuya kutsho ngentsimbi yesi 19:00 ukuze ahlole indawo ngokomthetho, ngaphandleni kwange Cawa okanye ngentsuku zekhefu lika wonke-wonke;
(b) Ayihlole indawo leyo esenzela ukufumanisa ukuxabiseka kwayo

Kufuneka kuthetyathelwe ingqalelo ukuba lo mhloli wakwa masipala, isekela lakhe, umqokeleli-zinkcukacha okanye naye nawuphi na umntu ogunyaziswe ngokubhalwe phantsi xa engena kwindawo leyo-

a) Lowo ukulo ndawo unako ukuba afune ikhadi/isibonakalisi sokuba ungubani na kwaye ambonise ubungqina boko; kwaye
b) Angahamba ne toliki okanye naye nawuphi na umntu onokuncedisa apho kukho imfuneko.

Ukongeza, ngokwe Candelo 42 lalo Mthetho, umhloli wakwa masipala okanye isekela lakhe ngoko mthetho linako-

a) ukucela ukuba umnini-ndawo, umqeshi-ndawo, okanye lowo uhlala kulo ndawo yobumnini izakuhlolwa ngumhloli okanye isekela lakhe, ukuba abanike imvume yokubona imiqulu enenkcukacha malunga nendawo leyo izakuhlolwa, ukuze ibenokuhlolwa;
b) acaphule kulo miqulu okanye athathe iinkcukacha; kwaye
c) ngokwembalelwano, acele ukuba umnini-ndawo, umqeshi-ndawo, okanye lowo uhlala kulo ndawo yobumnini izakuhlolwa abonelele umhloli ngenkcukacha malunga nendawo leyo izakuhlolwa, ukuze ibenokuhlolwa;

Kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo ukuba apho kuye kwasilelwa okanye akwafakwa zinkcukacha zifunekayo, kwaye umnini-ndawo engakhange azifake kwi Bhunga lezibheno, ngokwe Candelo 70 lalo mthetho ukuba ibhunga lezibheno liye lafumanisa ukuba umnini-ndawo, umqeshi-ndawo, okanye lowo uhlala kulo ndawo yobumnini izakuhlolwa uye wazifihla ngabom ezinkcukacha zifunekayo, linako ukuba lenze ibango kuye. Ingakumbi ukuba esi sehlo siye sabangela uxanduva kumhloli wakwa masipala okanye kwibhunga.

Iinkcukacha ezithe vetshe zingajoliswa ku Mnu. B. Benjamin ngomnxeba kwa: 023 348 2662 (ngee yure zomsebenzi) okanye nge feksi kwa 023 347 2599 okanye nge email ethi: bbenjamin@bvm.gov.za.

Sovuyiswa yintsebenziswano yakho

D. McTHOMAS

UPHATHI WAKWA MASIPALA

BREEDE VALLEY
MUNICIPALITY - MUNISIPALITEIT - UMASIPALA